



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2014

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamapheda asi-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho.
6. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
7. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
8. Uyacetyiswa ukuba usebenzise:
- Imizuzu engama-60 kwiCandelo A
 - Imizuzu engama-30 kwiCandelo B
 - Imizuzu engama-30 kwiCandelo C
9. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
10. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
11. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
12. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150-180.

- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Abaqhubi abaninizi eMzantsi Afrika abayithobeli imithetho yezendlela. | [40] |
| 1.2 | 'Andisoze ndiwulibale unyaka wokufunda kwam imatriki.' | [40] |
| 1.3 | 'Ibimnandi kakhulu le mini!' | [40] |
| 1.4 | 'Andisoze ndiwulibale loo myalezo we-SMS.' | [40] |
| 1.5 | Khetha umfanekiso ube mnye ubhale isincoko. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho. | |

1.5.1



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.2



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.3



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.4



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: **40**

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube Mnye kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60-80 (umxholo kuphela).

2.1 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo phakathi kwentombi nenkwenkwe malunga nobomi babo kwilizwe labo uMzantsi Afrika.

[20]**2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela inqununu yesikolo ileta yokwenza isicelo somsebenzi wokuba ngumqequeshi wezemidlalo esikolweni.

[20]**2.3 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umalume wakho ileta umbulele ngesipho semali akuthumelele yona yokukhenketha nesikolo ngeeholide zeHlobo.

[20]**2.4 INGXEOLO EMFUTSHANE**

Bhala ingxelo emfutshane yokhuphiswano lweekwayala ebeniye kulo eSun City.

[20]**AMANQAKU ECANDELO B:** **20**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha umhlathi ube MNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela).


3.1 IPOSIKHADI

Bhalela umhlobo wakho iposikhadi umxelele ngendawo enomdla obutyelele kuyo eMzantsi Afrika.

[20]

3.2 IZALATHISI

Jonga kule mephu ingezantsi uze ubhale izalathisi oza kuzinika umfundi omtsha okhangela igumbi lesiXhosa. Lo mfundi udibana nave ngakwigumbi leSayensi aze acele wena ukuba umkhombise igumbi lesiXhosa. Mkhombise alandele indlela eboniswa ziintolo.



[20]

3.3 IPOWUSTA

Bhala ipowusta ngeseyile ekwivenkile oyaziyo. Khumbula ukuquka zonke iinkukacha ezibalulekileyo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:

20
80